UNIVERSITY OF FORT HARE

| XHS507E |
| --- |
| |

DEGREE EXAMINATIONS

NOV/DEC 2019

..................................................................................................................

Time: 3 HOURS

Subject: POETRY

Marks: 100

This paper consists of 2 pages including cover page

| Internal Examiners | External Examiners |
| --- | --- |
| Prof N.P.Satyo | Prof L.L.Kwatsha |

IMIYALELO

PHENDULA YONKE IMIBUZO

Umbuzo 1

"UMqhayi uyindoda ebalulekileyo kuluhle (ucwambu) lwama-Afrika angawo, kwaye kumzuzu eyinkokheli ebuzweni, unemvaba engaphele ndawo yamagama okubonga (Satyo: 2000). Ngqiyama ngale ngcamango kaSatyo wetyise lo mbongo uthi **"Ekhaya"**(S.E.K.Mqhayi) uqhotyoshelweyo. Xoxa banzi ngocwambu oluyingqaka oluphefumlela intsingiselo encamisayo yombongo. Qwalasela izafobe, izaci, amaqhalo nezinye kambe izithako zesihobe.

**(25)**

Umbuzo 2

Iimbongi ziwachonga ngohlobo oluncamisayo amagama eziwasebenzisayo ukuze zivelise iintsingiselo ezithile ezizixhibileyo. Kumbongo owalathelweyo othi **"Ukufa"**(S.E.K.Mqhayi) oqhoshelweyo kweli phepha qaphela oku kulandelayo:

a) Iintsingiselo zengcalo zamagama (oko kukuthi iintsingiselo zawo ngokwakusichazi magama).
b) Iintsingiselo zokuhlunyeliswa (oko kukuthi iintsingiselo ezihlunyeliswa kweziya zengcalo.

**(25)**

Umbuzo 3

Izibongo kwaXhosa zazifudula ziyinxalenye yobomi babantu. Zazidibene kakhulu nonqulo loluntu. Kwezi zitanza ngezitanza zilandelayo cubungula zonke iimpawu zombongo womthonyama nemisebenzi yazo. Sebenzisa le mibongo mibini iqhotyoshelweyo **"A! Silimela!, Esandlwana!** (S.E.K.Mqhayi).

**(25)**

Umbuzo 4

Uthi uSozilwimi uLynch (2000) xa ethetha ngolwimi: "Language functions like a conduit, transferring thoughts bodily from one person to another. In writing people/authors insert their thoughts and feelings in the world". Yetyisa le ntetho ingentla kaSozilwimi uLunch

## Ekhaya

Ndikhumbul' ikhaya!
Noko bendiz' emfundweni,
Andidele nto ndizifundiswayo,
Ndicinga ngekhaya—
Kwakh'! Ewe, ngekhaya!
Ndikhumbul' ikhaya!
Noko sendiseskolweni;
Batsho bade bophel' abafundisi
'Tyab' elaa tholana!
Nelaa takanana!
Ndikhumbul' ikhaya!
Likude nasebuhleni;
Ndibathand' abafundisi nezifundo;
Kodwa hay' utata!
Kodwa hay' upapa!

Ndikhumbul' ikhaya!
Kungekho nt' iphi ekutyeni,



Ndiyatyiswa, ndilulekwa, ndiqeqeshwa;
Kodwa hay' umama!
Ndincede ngomama!

Ndikhumbul' ekhaya!
Phofu ndisekunconyweni,
Ngezifundo, ngemidlalo, ngentobeko.
Hayi kodw' ikokwethu!
Neenkukwana zalo.

Ndikhumbul' ekhaya!
Apha ndisekuthandweni;
Akungetsho undibon' ekwayaleni;
Kodwa, kwakh'! Hay' ikhaya!
Mfo! Kumnand' ekhaya!!!

## ESANDLWANA

Esandlwana! Esandlwana
Sikhe sanomdl'omkhulu
Sanendabakazi emnandi!
Kwakudlal'amaqhaj'amadodana,
Aziqula nazigalo,
Ngobugantshintsh'obukhulu,
Yoz'ithethe lukhulu loo ntatyana,
Min'ivul'umlomo wayo
*Bekuyizolo nezolo, –*
*Nezolo nezol'elinye!*
Nisakhumbuza ntoni na?
Min'ilanga laphanyaza;
Wath'umhlaba wanyikima;
Zadidek'iingqondo zeengqondi,

Lwaphal'ulwazi lwezazi;
Bakhul'ubulumko kwizidenge, –
ZakwaSishak'akashayeki,
Lembe leqa amany'amalembe!
Kwafakw'enye emva kwenye, –
Emva kwenye kwafakw'enye!
*Bekuyizolo nezolo, –*
*Nezolo nezol'elinye!*

A! SILIMELA! (S. E. K. Mqhayi)

(1) 1. *Yatshay'impampile* yasemLungwini;
2. *Yatshay'impampile* yasemaXhoseni.

(2) 1. Godukani ningalali, kuz'iziziba zegazi;
2. Godukani ningalali, kuz'ukuphela kobuntu;
3. Godukani ningalali, kuza kuthengiswa ngani ngooyihlo;
4. Godukani ningalali, niza kubathengisa nan'ooyihlo;
5. Godukani ningalali, kuza kutshitsha nobukhosi;
6. Godukani ningalali, niza kusikhangelel'umQulu;
7. Godukani ningalali, niza kondel'ukubinza kwenkwenkwezi;
8. Godukani ningalali, niza kukhangelel'uZanzolo;

(3) 1. *Le nt*'umzimb'uyaqhuma ngathi liziko;
2. *Le nt*'umzimb'uyavutha ngathi lidangatye;
3. *Le nt*'iqhuqhumb'iintlantsi ngathi nguSindiyandiya;
4. *Le nt*'itshawuz'imibane ngathi sisibhakabhaka; Sinnika.

(4) 1. *Yeza* nebhotile neBhayibhile;
2. *Yeza* nomfundis'exhag'ijoni;
3. *Yeza* nerhuluwa nesinandile;
4. *Yeza* nenkanunu nemfakadolo;